


# PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



## UKUGCINWA KWEENCWADI – uyasiva isingqisho ngomnwe?

**E**LI XESHA LOKULIMA LASEHLOTYENI LIBALULEKILE KUZINZO LWAMASHISHINI AMANINZI OKUFAMA NGOMBONA. KWIINDAWO EZININZI EZIFANA NOMNTLA NTSHONA NE-FREE STATE, SIQALISA NGAMAQONDO AFANELEKILEYO OKUFUMA KOMHLABA, KODWA IMISEBENZI EMININZI YOKUFAMA ISAFANELE UKUMELANA NOHLAHL-MALI OLUNYINIWEYO LWEEMVELISO EZINTSHA ZAMALUNGISELELO NGENXA YEXESHA ELIFUNEKAYO LOKUBUYELA KWISIMO SANGAPHAMBILI KWAKHONA EMVA KOTHOTHO LWEEMBALELA EBEZIKHONA.

Jenny Mathews, UmbhalikwiPula Imvula. Thumela i-imeyiliapha jennymathews@grainsa.co.za



Ukulima umbona lilinge elinemincipheko ephezulu. Ukuba unethamsanqa elaneleyo lokuba ngomnye wabo bafumene isityalo sombona esihle kwixesha lokulima elidlulileyo, ungaqalisa ke ngoko ngentliziyo enovuyo.



## AMAZWI AVELA...

*kuDirk Strydom*

**U**KUBA UNENXAXHEBA KULIMO AKUKHO NTO ILIVUMBA LOMHLABA OMANZI. BESINAMAXESHA OKULIMA AMBALWA ANZIMA KAKHULU NGENXA YEMBALELA NEEMVULA EZIFIKE EMVA KWEXESHA. KULO NYAKA IMEKO YAHLUKILE, IMVULA IFIKE NGEXESHA LAYO KWAYE MAKHULU AMATHUBA OKUFUMANA ISITYALO ESIHLE.

Nangona kunjalo, kwihiabathi elisaphuhlayo mininzi imingeni evela phambi kokulinywa kwemihlabu emanzi. Uncedo Iwemali njengoko sisazi lungumqobo omkhulu oxabe endleleleni yempumelelo, yilloo nto umlimi ethatha nayiphi inkxaso encinane ayifumanayo. Maxa wambi, liyafumaneka ithuba lokusebenzisa uncedo oluthile okanye inkxaso ethile ngokusebenzisa iinkqubo zobonelelo. Umngeni kukuba ezi nkkasomali zisuka zifike selidlule kakhulu ixesha lokulima kuze oko kubangele uxinzelo olukhulu kubalimi ukuba basebenzise isikhewu esincinane sethuba lokusebenzisa le mihlaba imanzi.

Incinane kakhulu inkxaso kule mihla, ukuba kukho inkxaso oyifumeneyo, qiniseka ukuba uyalisebenzisa elo thuba ukuze ufumane esona sivuno sikhulu. Xa inkxaso ifike emva kwexesha, thelekisa izinto eziluncedo nezingelonedo malunga nokulima selidlulile ixesha. Musa ukutyalu konke kwisikhewu esisesona sfanelekileyo ngaphandle kokuba oko kudingeka ngenene.

Kutheni ndisitsho? Umhlabu omanzi nobukho besidingo ngokunjalo nentumekelo yokulima zinyanzela umntu onothando lolimo egazini lakhe ukuba afune ukulima. Kodwa eyona nto ilungele nawuphi umlimi osaphuhlayo kukuba namandla okuqualisa nokusebenzisa iinkxasomali ngokubamba isandla, oko kuthetha ukuba kungaphunyeza isiqingatha kuphela kwinto ekuqaliswe ngayo. Malunga nabalimi abasaphuhlayo, konke kugqaliselwa kuzinzo nasekuqinisekiseni ukuba kukho into eshiyekayo noko ekupheleni konyaka, ukuze kuqinisekiswe unyaka omtsha wokulima. Inyathelo elilandelayo kuphuhliso lolimo kukuqinisekisa ukuba ulima ngozinzo.

Siyakubulela ngokuhlala ethembeni kumaxesha obunzima nangothando Iwakho lolimo. ■

## Ukugcinwa kweencwadi...

### IZIQHELO NOKUGCINWA KWEENCWADI

Kukho imiba esentloko embalwa efanele ukucqwalaselwa ngonyaka ngamnye ukuze siphucule amathuba ethu okufumana izivun eziphezelu ngokunjalo sinciphise imingcipheko yethu. Olu ludwe olufanele ukucqwalaselwa lufanele ukuphengululwa ngexesha ngalinye lokulima; kanti umlimi nokuba ngusomashishini olichule uya kuqinisekisa ukuba uzibhala ngokuchanekileyo iingxelo ngezinto ezenziwa efama ngeveki nganye.

Ukugcinwa kweencwadi kubaluleke kakhulu kangangokuba umntu ufanele ukujonga emva ukuze abone imbali ngentsimi ethile? umzekelo:

- Sesiphi isityalo ebessilinye kuloo ntsimi kwiminyaka emibini edlulileyo?
- Yeyiphi inkqubo yokutshiza ebisetyenziswe kweso sityalo yaze yaphumelela kangakanani – ingaba waneliseka ngomgangatho wenqubo yekhemikhali ebezisetyenzisiwe? Ungaphinda ulandele kwayona loo nkqubo kwakhona?
- Ingaba uyayazi imbali yenkonzo enikwa umatshini ngamnye, umatshini othile okanye itrektara, umzekelo, zaggibela nini izihluzi zetrekta ethile ukutshintshwa? Amathayara wona agqibela nini ukutshintshwa?

### INGXELO NGEEMVULA

Ngokubeka iliso kwiingxelo zemozulu siyakwazi ukwenza ucwangciseloo Iwemisebenzi yethu yokufama ngendlela encomeka ngakumbi. Sinako ukumisela imihla yokutyalu ethe ngokweengxelo zethu yabonakala ilixexha elilelona lilungileyo lokutyalu ngokufuma okwaneleyo. Ngokuqinisekileyo, imozulu ayikwazi kwaye ayisayi kuze icingelege kwangaphambili ngokupheleleyo. Kodwa siya kusoloko sikkwazi ukuba nofifi Iwento eza kwenzeka. Esi sak hono siluncedo esikwaziyo thina balimi ukulugcina – ngoko ke qalisa ngencwadi yakho yeengxelo ngoku!

### IZIQHELO EZIFUNEKAYO

- Thatha iisampulu zomhlaba ithuba lisellihi ukuze kufakwe iodolo yezichumiso.
- Fumana iingcebiso kwiingcaphephe nakubameli bamaqumrhu embeewu abayaziyo indawo yakho uze uxoxe ngokuba zeziphi iintlobu zembewu yombona onokuzityala.
- Sazi isimo namaxesha okukhulisa iintlobu ezahluka-hlukileyo zembewu yombona, kaloku zonke ziyahluka-hluka futhi nezinto eziluncedo ngazo ziyahluka-hluka ukwenzela iimeko zokulima ezahluka-hlukileyo.
- Qinisekisa ukuba zonke ezinye iimveliso zakho zamalungiselelo ziodolwe kwaye zilinde wena ukuba ukwazi ukusebenzisa ithuba lakho lokulima ngeyona ndlela incomekayo.
- Maze ungatyali phambi kwexesha kakhulu sisephantsi kakhulu isiqulatho sokufuma komhlaba.
- Qinisekisa ukuba uwucombulule noko umhlabu wakho ongaphezelu ukuze ukhuthaze ukungenelila kwemvula ngexesha lokufika kwayo, oko kukuthi mhlawumbi ngokuwukrazula okanye ngongcngcazeliso Iwawo (*vibroflexing*).
- Qinisekisa ukuba ukhula oluqalisa kwangoko lutshatalaliswa mhlawumbi ngeekhemikhali okanye ngomatshini onamazinyo ukuze kugcineke ukufuma okukhoyo. Ibalulekile inkqubo yakho yokutshabalalisa ukhula kwaye iya kuchaphazela ukukhula kwesityalo sakho sombona ngokunjalo nenani leenkozo eziphuhla esikhwebini kuba kaloku isivuno sakho sipelele sinokuchaphazeleka kakubi ngenxa yokungalulumkeli ukhula olukhula kwixesha lokulima liphelele.
- Lungisa izixhobo zakho zokutyalu nabanye oomatshini abasentloko bokuhlkula, oko kukuthi tshintsha izingcangcazelisi nezikere zamakhuba kuba akuzi kubakho xesha lokulungisa izixhobo ngakumbi xa iimvula zifike emva kwexesha njengoko kusenzeka ngamanye amakesha kule mihla.
- Liqwalasele kwithuba elide ixesha lokulima umbona kanti naphambi kookba ufake iinkozo zakho zokujala zembewu emhlabeni cinga ngamatshuba onokuwakhetha entengiso yakho. Yenza isiggibo ngezinto ozidingela



*Umlimi ngamnye makeve isingqisho ngomnwe ngokufunda kangangoko ngamaxhesha onke.*

ukuzisebenzisa efama njengezo ozisebenzisela ikhaya nefula yemfuyo ngokunjalo ucinge nangendlela neendawo oza kuthengisa kuzo isityalo sakho esiseleyo.

- Kubaluleke kakhulu ukuziqhelanisa nendlela esebezena ngayo intengiso yaseMzantsi Afrika yorhwebo nokuba unayo iarhente ekuncedisayo. Zinike ixesha lokufumana uncedo ukuze uluqonde utshintshiselwano lweengqikelelo zexesha elizayo kwiJSE nendlela esebezena ngayo. Qinisekisa ukuba uyaluqonda ulwahlukaniso ngokweendawo nokuba iyintoni injongo yalo ukuze uthetha-thane malunga nawona maxabiso mahle anokufumaneka malunga nesityalo sakho sombona.
- I-inshorensi yezityalo ineendleko eziphezulu kodwa ingaba lunedo ngakumbi kwixesha lokulima elinemincipheko. Kucetyiswa ukuba uzidibanise nomthengisi wakho kushishino lolimo okanye owokunikwa kwamatyala uze uxoxe naye ngezinto onokukhetha kuzo nangokuba ingaba ungalano na ilungelo lokuthatha i-inshorensi yezityalo kwixesha lokulima elizayo. Akunakuqiniseka ukuba uya kuba nalo na ilungelo elifunekayo njengoko amaqumrhu einshorensi engenakuthenjwa ukuba angasuka nje akunike ukhuselo ngendlela ezenzelayo.

#### LONDOLOZA, BEK' ILISO FUTHI LAWULA

Gcina ululeko ngalo lonke ixesha lokukhulisa umbona. Asibobulumko ukuchitha imali eninzi ulima umbona uze ungalibeki iliso kuwo futhi ungakulawuli ukukhula kwavo kwithuba elide.

- Oku kuthetha ukuba khona emasimini akho phantse yonke imihla.
- Kuthetha ukuhlala ulungisa iitrektrara zakho noomatshini babe kwimeko elungileyo yokusebenza.
- Kuthetha ukugcina yonke impahla osebenza ngayo igcinwe ngocoeko eshedini yakho ide ifuneke kanti iikhemikhali nezinto ezinetyhefu mazigcinwe ngokhuselo nangokutshixelwa.
- Kuthetha ukugcina kweencwadi ngendlela elungileyo nengaphulwayo – ukugcina ulawulo lweeahawunti zakho neofisi zicodekile kwaye zihlaziyywa.
- Kuthetha ukufumana inkxaso yobuchule beengcaphephe zendawo yakho nezabanye abalimi asebephambili ngobuchule kwindawo yakho.
- Kuthetha ukujoyina umbutho wakho, iGrain SA, ungayeki ukuya ezintlanganisweni, kumaqela ofundonzulu nakwizifundo zoqeesho – futhi uhlale ufunda ngenyanga nganye *iPula Imvula* yethu ephuphuma lulwazi uiyiale kumphandle ongaphambili ukuya kongasemva, kube njalo!

Akukho mlimi unokuthi yena selekufunde konke okufanele ukwaziwa. Ubume obungqonge ukulinywa kombona buyatshintsha-tshintsha, buqhubela phambili kwaye busoloko buguqu-guquka njengoko amaqumrhu embewu ezabalazelua ukuphucula imbewu yawo logama amaqumrhu eekhemikhali ethengisa iimveliso ezintsha nezisabenza phucukileyo. Kuxhomekeke kumlimi ngamnye wombona ukubuza noku-funda kangangoko anakho ngalo lonke ixesha kuba ngale ndlela uzuxhobisela ukuba ngumlimi onesakhono esiphucukileyo ngokuva isingqisho ngomnwe kushishino oluguqu-guqukayo lombona elizweni lethu. ■




*We do not inherit the earth from our ancestors;  
we borrow it from our children.*

~ SOURCE UNKNOWN



# Ifuthe leCOVID-19 kubathengi



**S**IIFUMANA SIPHAKATHI KUKABHUBHANE WEHLABATHI WECOVID-19 KUNYE NESIPHUMO SAKHE ESINGUMVALELANDLWINI KWAYE SIQINISEKE KANGANGOKO UKUBA UMVALELANDLWINI USEZA KUTHI NCA KUTHI. LO MVALELANDLWINI OYIMEKO ETENXILEYO UCHAPHAZELE ABANTU BETHU NGEENDLELA EZAHLUKA-HLUKILEYO. NJENGABATHENGI, ABANTU ABA-THENGA UKUTYA, IZINTO ABAZITHANDAYO NEZIMBO ZABO ZOKUTHENGA ZABO ZITSHINTSHILE.

Ngokufutshane, ngokweengxelo iimpawu zabathengi eMzantsi Afrika zingashwankathelwa ngokuthi ubukhulu bomzi oqhelekleyo buyancipha malunga namalungu awo, bayanda abemi belizwe lethu abanemfundu yasesikolweni, bayanda nasebehlala kwiindawo ezisezidolphini kanye nabalulutsha, kanti amacondo amatyala ayanyuka nawo. Ngaphandle kwezi ngxaki, umvalelandlwini sowubangele iilahleko ezinkulu zengqesho. Sekucingeleka kwangoku ukuba abasebenzi abaya kulahlekelwa yimisebenzi bay apha phakathi kwezigidi ezi-2 ukuya kwezi-3 okanye bafumane imivuzo ephantsi. Ngamanyi amazwi, abemi bay apha ngokuhlupheka, ngakumbi abo bebekade bekuluhlul lwengeniso ephantsi. Zonke ezi mpawu zichaphazela indlela yokukhethwa kokutya.

Ukwanda komyinge wokuhlupheka kubangele ukuba kuthengwe iintlobo zokutya zeendleko eziphantsi kuquka nezo zisetyenziswa mihla le ezifana nombona, irayisi nemifuno efikelelekayo ngokwasemalini. Kwa-khona abathengi bathenga inyama yenkuhlu ngokuthe kratya nenyama yehagu kanye nezia ezikhulu zenyama yeenkomo ezixheliweyo. Ukutya okunamaxabiso aphezulu okufana nenyama yegusha kuya kuthengiswa ngezia ezincinane.

## UKUTHENGA NGOKUKHETHA OKUTHENGEKAYO

Indlela abaza kukukhetha ngayo abathengi ukutya abakuthengayo ichatshzelwa yimibandela eliqela, efana nenjongo, inkolo, izixa, impilo nemibandela yokuphila kakuhle kodwa ixabiso lihamba phambili. Ngendlela elula – okuthengekayo kokona kuphuma phambili. lingxelo zalatha ukuba unini lwabantu baseMzantsi Afrika, ngakumbi abathengi bengeniso ephantsi nephakathi baseka izigqibo malunga nendlela abathenga ngayo kumba warmaxabiso phantse ngokupheleleyo.

Phakathi kwabantu abazizityebi intengo yabathengi ixhaswa yimiba yempilo nokuphila kakuhle. Naku okwenza umdla, abathengi ngoku nabo bakhetha iimveliso zezixa ezincinane nezithengekayo nezinokuncinane okulahlwayo.

Ixabiso lingomnye umngeni kubalimi bethu ngenxa yendlela elibacinezela ngayo xa bethenga. Abathengi abanini abanayo imali yokuthenga ukutya okuneendleko eziphezulu. Ukuphepha amaxabiso aphezulu abalimi banya-nezeleka ukuba bandise imveliso yabo.

Lo bhubhane wehlabathi ukhuthaze abantu ukuba bagqale impilo yabo ngakumbi malunga nokutya kwabo. Yandile intengo yokutya okuphucula ukuzikhuela komzimba namandla ngokubanzi. Ngaphezu koku yandile ingqalelo yomgangatho wemveliso, ngokunjalo nogxininiso ekulandenii umkhondo wayo – ukususela kumlimi osentloko ukuya kumthengi osekugqibeleni.



*Abathengi bathenga kakuhlu inyama yenkuhlu neyehagu ukuze banchiphise iindleko.*

**Marius Greyling, Umbhali kwipula Imvula. Thumela i-imelyi apha mariusg@mcgacc.co.za**



Izimbo zokuthenga ezisetyenziswa ngabathengi ziye zanyenzeleka ukuba zitshintshe. Ngenxa yemithetho nemimiselo yomvalelandlwini abathengi sebekholisa ukuthenga kufutshane ekhaya nokusebenzisa iindlela zobuchwepheshe. Kusetyenziswa ukuthenga ngokusebenzisa ubuchwepheshe, ukufaka izaziso kwiFacebook nakwiWhatsApp. Kuyabonakala ukuba kuyanda kwaye kuya kuhlala kuhkona. Ukuthenga ngobuchwepheshe kwandile ngenxa yokuba lula kwako, ukukhuseleka kwabantu nangenxa yezizathu zokonga ixesha.

Phofu nokusiva kwempahla kwiminyango yabathengi kubalulekile. Ngaphandle kwezizathu zokukhululeka, nokukhuseleka kwabantu kunendima ebanzi. Kukwakho nokutshintshela kwimpahla eneendleko eziphantsi nokuthenga kancinane. Ixabiso lonyango elifumaneka kwimveliso liphucule ukuthengwa kweziqhamo nemifuno. Lyanda inkictho yabathengi kwiziqhamo nakvirifuno njengoko abathengi begqalisele ngakumbi kwimphilo yabo nokuphila kakuhle. Intengo yeziqhamo nemifuno yandile nasemazweni atyebileyo afana neMelika neYurophu, ukuze oko kuvule amathuba okuba abalimi bethu bathengise iimveliso zabo ngakumbi emazweni angaphandle.

Ekuqaleni kwethuba lomvalelandlwini xa bekukho iziphazamiso ezikhulu kwimjelo yeentengiso ezcwangciselwego, ibonakele ibalulekile futhi yade yaziwa imjelo engacwangciselwanga (yabathengisi basezindleleni). Bekunikelwa ngokutya ngamaxesa obunzima ngokwenza njalo bekuhlangatyeza ubukho bokuya okwaneleyo. Kuya kukuncedisa kwimpumezo yamaxabiso amahle ukufumana ummandla wentengiso onganqunyanyiswayo, aphi ukwaziyo ukunikela okanye ukusa imveliso yakho kummandla wakho wentengiso rhoqo ngokwemvumelwano. Oku kwenzenka naxa usisa iimveliso kumthengisi wasendleleni. Zinza entweni oyenzayo, gqala umgangatho wemveliso yakho, indlela obekelela ngayo imveliso naleyo uyisebenzisa ekuthengiseni, xa usenza njalo uya kubona abathengi bekuthakazelela ukuthenga imveliso yakho.

## INGABA KONKE OKU KUBACHAPHAZELA NJANI ABALIMI BETHU?

Malunga nokulinywa kweemveliso zakho akukho nto ingako itshintshileyo. Ubhubhane wehlabathi weCOVID-19 kune nembalela echaphazele abanini, ngokunjalo nemeko yeli lizwe yoqoqosho oluxhalabisayo, yonke leyo yimiba egxininisa imibandela ethile yokufama ukuba umbono wakho kubaba ngumlimi onempumelelo nofumana inzuzu enozinzo. Iimveliso zakho mazibe semgangathweni oncomekayo, zinike impilo nokhuseleko. Sebenissa imigaqo yokufama elungileyo nenolondolozu futhi ungayeki ukuphucula imveliso yakho kananjalo ugqale ukulandwa komkhondo wayo. Ungalibali ngokufama okuchanekileyo nangemigaqo yokufama ngokugcina imithetho.

Phinda ucinge kwakhona ngomxube wesityalo sakho uze wahlukahlukanise ukuze unciphise imingcipheko yokulima, kodwa musa ukuthintsha-tshintsha nanjani na. Kubhetele ube ngumlimi oyintshatsheli kwimveliso ezimbawla kodwa ube ngumlimi osoloko ethembakala.

Malunga nokuthengisa iimveliso zakho ufanele ukuziqhelanisa nako. Qaphela imibandela ekhankanywe kweli nqaku, efana namaqonga obuchwepheshe, ukusiva kweemveliso okunganqunyanyiswayo, ukusa iimveliso ngqo kubaxhasi. Yiba neendawo ezaHLuka-hluKileyo zokuthengisa – yisa imveliso kwiindawo ngeendawo zokuthengisa ukuba kunokwenzenka. Oku kuya kunciphisa imingcipheko yeendawo zakho zokuthengisa ukuze ungaxhomekeki kwingeniso yendawo yokuthengisa enye kuphela. ■



# Sikunye KUPHULISO LOKUTYA, OLWABANTU NENQUBELA

NKUBO YASEGRAIN SA YOPHULISO LWABALIMI IJOLISWE KANGANGOKO KUPHULISO LWABANTU OLUFANELEKILEYO NJENGAKWIMISEBENZI YOLIMO. NGENXA YOMSEBENZI OWENZIWA KULE NKUBO, UBUKHO BOKUTYA OKWANELEYO KUNYE NEQONDO LOKUSEBENZA KWECANDELO ELILIMA IINKOZO LIYE LOMELEZWA.

Abalimi abaninzi baseMzantsi Afrika bahlaziye ukuzithemba kwabo kunye nethemba kwaye amawaka abalimi baseMzantsi Afrika bavuna umvuso wokwenza izinto ezelungileyo ngexesha elilungileyo nangendlela elungileyo. Iqela laseGrain SA loPhuhliso IwabaLimi lisebenzisana nabalimi, lizinikele kwaye liyazibandakanya.

Siyakhola ukuba uphuhliso lumalunga nomntu ngamnye kwaye aluphathelele kumba womhlaba kuphela, oomatlshini, iindawo zentengiso, imali, uphuhliso lwezakhono zobuchule noqequesho – uphuhliso lumalunga nako konke okukhankanywe ngasentla kwaye luyinkqubo alungomtsi.

## BESISENZA NTONI KUTSHANJE?

### Amaqela ofundonzulu

Sikholve kakhulu kukuba sikwazile ukuqalisa kwangethuba ngeentlanganiso zethu zamaqela ofundonzulu zexesha elitsha lokulima lehlobo emva kwethuba lomvalelandlwini.

Ukusekwa kweqela lufundonzulu sisingqisho seGrain SA kwiinginqi ezisentloko ezilima iinkozo – nakviindawo ezikude kakhu. Kuyindawo angena kuyo umlimi omtsha. Kulapho siqala khona ukubazi abalimi – nabo bafunde ukusithemba. Kukwayindawo esifumana ithuba kuyo lokuchonga imingeni namathuba akhoyo kummandla othile nokudluliselisa phambili ulwazi nezakhono zobuchule ezibalulekileyo. Iqela labalawuli nabacebisibethu banokusebenziseka kwiinkqubo zohla ziyo lokufama nasekuguquleni ubomi babantu abasebenza nzima emsebenzini wokufama.

Ukususela ngomhla woku-1 kuOkthobha ukuya kowe-17 kuNovembangowarma-2020 besibambe iintlanganiso zamaqela ofundonzulu ezingama-352 kwiinginqi, ngakumbi sijolise kwixesha elitsha lokulima, besindulula neuprojekthi zexesha elitsha lokulima ngokunjalo sisenza izicwangciso ngeemveliso zamalungiselelo okulima ezifanele ukuthengwa zisiwe kubalimi abathatha inxaxheba.

### Ukhe weva ngeprojekthi yethu yaNgaphaya

#### kweNdyebo (*Beyond Abundance – BA*)?

Isindululo seminyaka emihlanu seGrain SA esisungulwe ngobumbamo ne-Jobs Fund kaNondyebo weSizwe nabanye abanikeli nabarhumi – ‘Ukususela ekuLimeni kokuziPhilisa ukuya kwiNdyebo’ kusoloko kungumfuziselo okhuthazayo wophuhliso IwabaLimi. Kunyaka emva komnye kuye kwacaca ukuba abalimi bayazithanda izimvo ezintsha, ukusebenzisa ubuchwephe-she obutsha nokuziqhelanisa nemigaqo emitsha yokufama – futhi baziva bewufumana umvuso ngemizamo yabo. Okubaluleke kakhu, kubekho isiphumo sokwandisa xa abalimi basebumelwaneni bebebona iziqhamo zeenguuko baze bajoyina nabo kwiprojekthi.

Ngenxa yokuba bekungekho nkxasomali ngaphaya kweprojekthi ezayo yesicwangciso seminyaka emihlanu evela kwiJobs Fund, iproje-

Jenny Mathews, UmbhalikwiPula Imvula. Thumela i-imyeli  
apha jennymathews@grainsa.co.za



kthi ibinokuphela, kodwa abalimi bebenentumekelelo enzulu yokwakhe-la phezu kwento abayifundileyo zaze izicelo zabo zoqequesho nolwazi neengcebiso zanika isiqalo seprojekthi entsha – Ngaphaya kweNdyebo.

### linkuthazo zethu

- Abalimi babone iziphumo naxa kukho iimeko ezinzima ezifana neembalela nezinambuzane ezonakalisa izityalo.
- Abalimi bakhuthazwe koko abakufundileyo nazizophumo abazibonileyo.
- Abalimi banemincili ngezinto ezintsha ezinokwenzeka kubomi babo bokufama.
- Abalimi sebefake imali yabo abayifumene nzima ‘ebhankini’ ukulungi-selela ixesha elitsha lokulima.

### Inkxaso yequmrhu

Ngo-2019/2020 iqela lamaqumrhu liqhubile ngenkxaso yalo enikwa abalimi kwinkqubo entsha yaNgaphaya kweNdyebo kanti umlimi ngamnye othathe inxaxheba ufumene:

- I-Bayer inikele nge-10 kg yembewu elingene ihektare e-1.
- I-SA Lime neGypsum zinikele ngekalika ngengxowa engama-50 kg.
- I-Kynoch inikele ngeengxowa zesichumiso ezingama-50 kg.
- I-Villa Crop ibekelele iikhemikhali zaphambi kokuhluma nasemva kwako kwiipakethi ze-1 kg.

Abalimi abangama-5 043 ekugqibeleni bafumene ama-R3 500 ngehektare kwiakkawunti zabo zeTPFA. Izivuno zezityalo zombona zabalimi baNgaphaya kweNdyebo bezingummangaliso. Izivuno zibe ngumyinge weetoni ezi-4,3 ngehektare ngelixa umyinge elizweni ngokubanzi ube ziitoni ezi-5,9 ngehektare. Besingekhe sonwabe ngaphezu koku – xa iziqhamo zomsebenzi wethu zivunwa ngabalimi abaninzi kangako.

Kulo nyaka iihktare ezingama-3 160 zilinywe kwiprojekthi yaNgaphaya kweNdyebo ama 95% abathathi-nxaxheba alima umbona kwihektare e-1 anegalelo ekuphculweni kobukho bokutya okwaneleyo emakhaya namaqondo okondleka. Siyathemba ukuba ixesha lokulima elizayo liya kuthwala iziqhamo eztie kratyia njengoko sihamba kunye nabalimi abaphuhlayo.

**Amathuba otyelelo Iweefama ukuze kuxhaswe abalimi ngabanye** ‘Ngubani oya kubabamba ukuba bayawa?’ Kuchongwe isidingo sokuxhasa abalimi abanophuhliso oseluphambili nasebekhule badlula kwibanga lamaqela ofundonzulu kwaye sebephantse ukukulungela ukwenza umsebenzi wokufama ngaphandle koxhomekeko, kodwa basenokuncedakala ngenxa yamacebiso onyaka okujongana umntu-omnye-nomnye. Iqela lethu labalawuli selenze amathuba otyelelo eefama ali-136 ukuba linikele ngenkxaso kubalimi ngabanye phakathi kukaOkthobha noNovembra. ■

# Imimiselo amakayazi umlimi ngokubulala ukhula ngeekhemikhali

**U**LAWULO LOKHULA MHLAWUMBI NGOWONA MNGENI MKHULU ABAJONGANA NAWO ABALIMI ABARHWEBA KANCINANE, NOBANGELA INKCITHAXESHA ENKULU EKUBULALENI UKHULA NGAPHANDLE KWEEKHEMIKHALI KUNYE NEZIVUNO EZINCIPHAYO. NANGONA KUNJALO, UKUHLANGANISELA OKUCHANEKILEYO KOKUTSHABALALISA UKHULA NGEEKHEMIKHALI KWIZICWANGCISO-CEBO ZOLAWULO LOKHULA AKUSAYI KUQINISEKISA IZIVUNO EZIHLE KUPHELA, KODWA KUYA KUDALA ITHUBA LOKUBA UMLIMI APHUCULE IMISEBENZI YAKHE.

Kunyanzelekile ukuba umlimi aziqhelanise nemimiselo esisiseko enxulumene neekhemikhali zokhula njengoko ukusetyenzisa okungachane-kanga kweekhemikhali zokhula kungasayi kuhkolela kuphela emsebenzini ongancomekiyo wokutshabalala ukhula kodwa ungonakalisa nesityalo. Ukuifaka kakuhle ikhemikhali yokhula kuya kuhlala kuluxanduva lomlimi, futhi kunyanzelekile ukuba abalimi baziqhelanise nemiyalelo echazwe kwi-leyibhile ekhapha imveliso.

Okokuqala, kubalulekile ukuqonda ukuba ikhemikhali nganye ayifani nenyne malunga nesityalo enokusetyenzisa kuso, nangokuphathelele kukhula ekwaziyo ukululawula ngokunjalo nangexesa efakwa ngalo. Ngokubanzi, iikhemikhali zokhula zahlulwa ngokwamaqela amabini aphambili, oko kukuthi, ezaphambi kokuhluma okanye ezasemva kwako.

Malunga nokufakwa kweekhemikhali phambi kokuhluma, ukhula lutshatyalaliswa lungekahlumi (lungekaveli ngaphezu komhlaba) futhi injongo yalo kukutshabalala ukhula oluyingca lwethuba lonyaka. Ngokubanzi, ukufakwa kweekhemikhali phambi kokuhluma kwensiwa ngaxeshanye nokutyalwa kwesityalo. Njengoko kungekho zikhemikhali zokubulala ukhula lweentlobo zengca engeninzanga, zakuba izityalo ezifana nombona okanye amazimba zihlumile, iikhemikhali zaphambi kokuhluma zinendima ebalulekileyo ekutshatyalalisweni kwengca.

Iikhemikhali zokhula zasemva kokuhluma zitshabalala ukhula xa seluhlumile luvele ngaphezu komhlaba. Ngelo xesha isityalo nokhula sukuba zikhula xa kufakwa iikhemikhali zasemva kokuhluma, kanti ibanga lokukhula kwesityalo nokhula lifanele ukugqalwa xa zifakwa.

*UGq Maryke Craven, ARC-Grain Crops,  
Potchefstroom noPietman Botha, Umbhaliki  
kwiPula Imvula. Thumela i-meyle apha  
CravenM@arc.agric.za okanye apha  
pietmanbotha@gmail.com*



Ulwazi ngemimiselo esisiseko enxulumene neekhemikhali zokhula neefuneko zokufakwa kwalo, luya kumnceda umlimi ngokukhetha ikhemikhali yokhula nangokutshabalala ukhula okulandelayo nokuncomekayo.

## IMPUMEZO YOKUTSHATYALALISWA OKHULA NGEEKHEMIKHALI


Qaphela imiba esisiseko elandelayo xa usenza isicwangciso soku-phumeza ukutshatyalaliswa kokhula ngeekhemikhali njengenxene yeasicwangciso-cebo sokubulawa kokhula.

### Chonga ukhula oluyinkathazo ngokuchanekileyo


Iikhemikhali zokhula ziyahluka malunga noluhlu lokhula ezelubulalayo. Kubalulekile ukuhlola intsimi rhoqo ukuze kuhlolwe iintloba zokhula eziyinkathazo kuba oko kuya kuvumela umlimi ukuba enze isiggibo enolwazi ngohlobo lwekhemikhali anokulukhetha. Ukuhonga ukhula ngokuchanekileyo kuyinxene yeisiko esisebenzayo sokutshatyalaliswa kokhula. Incwadi yenkaezelo ngokuchongwa kokhula ethi, Common weeds in the crop and gardens in Southern Africa ebhalwe nguC Botha ifumaneka eARC-Grain Crops, ePotchefstroom (018 299 6100).

### Qinisekisa ukuba ikhemikhali yokhula ibhaliselwe isityalo esiza kulinywa

Ezinye iikhemikhali zokhula (ezifana neglyphosate) zibulala kuzo zonke iintloba zezityalo kungakhathaliseki ukuba sesiphi isityalo okanye ukhula, kanti ezinye zithanda ukuzikhetha izityalo ezbulala kuzo. Iikhemikhali zokhula zibhaliselwe ukusetyenzisa kwizityalo ezithile. Ezinye zingafakwa kwizityalo ezifana nombona kune namazimba, kodwa ezinye zibhaliselwe ukusetyenzisa kuphela, umzekelo, koojongilanga. Ukuufaka ikhemikhali



*Ubabanzi bokhula obuboniswa ku-A bukwibanga lokukhula okuchanekileyo malunga nokufakwa kweekhemikhali zasemva kokuhluma. Ukhula oluboniswa ku-B luhulu kakhulu, alunakutshatyalaliswa kakuhle.*



yokhula engabhaliselwanga isityalo esilinyiweyo, kuya kubangela ilahleko enku okanye epheleleyo yesivuno. Ukuftshataliswa zokhula ngeekhemikhali okukhatshwa zizenzo zokufakela ezinye izityalo phakathi kwezijikeleziswayo ngokwenddlela efanelekileyo ngumngeni kwaye kudinga uwangciselolwenziwe ngokuqaphela.

### **likhemikhali zokhula ezichaphazela intsalela, zinefuthe kujikeleziso lwezityalo**

Ezinye iikhemikhali ziyazichaphazela iintsalela. 'intsalela' zibhekiselele kwiisixa sekhemikhali yokhula esekhona emhlabeni ngokohlobo lwayo lwentsusa okanye olunxulumene nalo, kwithuba elide emva kweempumezo yenjongo yayo. lntsalela eznjalo zisenokubangela umonakalo oxhalabisayo xa izityalo bezingabhaliselwanga ikhemikhali leyo yokhula. Apho kwensiwa khona ujikeleziso lwezityalo ngokwemimiselo, qaphela imiyalelo ekwiileyibhile malunga namathuba okulinda phambi kokulima izityalo ezilandeliswayo. I-atrazine ingumzekelo wekhemikhali yokhula enesimbo sentsalela esebeza kuluhlu olubanzi lokhula olutshatyaliswayo. Ukuba kujikelezisa ithanga neminye imifuno (okanye kufakelwe nezinye izityalo phakathi kwezijikeleziswayo) ngombona okanye ngamazimba, iatrazine ifanele ukugqalwa ngokwemimiselo.

### **Amalungiselelo omandlalo wezithole**

Isakhono sekhemikhali yokhula phambi kokuhluma sdinga umandlalo wezithole ocolekileyo nolungeleleneyo.

### **Ukubaluleka kwamanzi**

Imfuneko zamanzi ziyahluka malunga neekhemikhali zokhula zaphambi kokuhluma nezasemva kwako.

- Ukuze iikhemikhali zaphambi kokuhluma zifikelele kukhula oluntshulayoloungaphantsi komphezelu womhlaba, zifuna amanzi. Zakuba zifakiwe, kufuneka i-10 mm ukuya kuma-20 mm yamanzi (yonkcenkcesho okanye yemvula) kwiinttsuku ezine zokufakwa kweekhemikhali zokhula ukuze kuvuseleleke iikhemikhali zokhula ngokunjalo kuqinisekiswe ukuba zisebenza kakuhle. Imvula egqithiseleyo iya kuhokelela ekubeni ikhemikhali yokhula ikhukuliseke nomhlaba ngokunjalo kulambathe nokutshabalala kokhula.
- Iikhemikhali zasemva kokuhluma, kwelinje icala, zidinga ithuba lokungabikhokwemvula zakuba zifakiwe. Imvula ena kwiiyure ezi-6 ukuya kwezisi-8 iya kutshayela ikhemikhali yokhula esemaggabini ukuze oko kuthethe ukuba ukutshataliswa kokhula akusayi kwane-la. Iikhemikhali zokhula, ngoko ke, zifumaneka kumathuba akhawuleziswayo naneemvula eziquphayo. Funda ileyibhile yemveliso.
- Musa ukufaka iikhemikhali zokhula zasemva kokuhluma kuhula oluphantsi kwembalela okanye olungenakufuma kwaneleyo. Ukhula olukule meko alukwazi kuyifunxa kakuhle ikhemikhali yokhula, kuze oko kuhokelele ekutshabalalenkokhula okunganelanga. Ukwandisa ithamo akusayi kuhokelele emsebenzini oncomekayo phantsi kweemeko zembalela. Iikhemikhali zokhula zasemva kokuhuma mazifikwe kukhula olusakhulayo.

### **Zifake ngexesha elichanekileyo**

Eyona mpazamo ixaphakileyo eyenziwa ngabalimi xa befaka iikhemikhali zokhula zasemva kokuhluma kukufaka iikhemikhali zokhula xa ukhula selukhule kakhulu. (**Ifoto 1**). Funda ileyibhile ukuze ufumaniye ukuba ingaba ukutshataliswa kokhula okunomekayo kuya kwenzeka xa lukwelikwelipi ibanga lokukhula. Ngokubanzi, ibanga lokukhula elifanelekileyo liya kuba phakathi kwelesi-2 ukuya kwelesi-4 lamaggabi okhula. Nangona kunjalo, ukutshataliswa kokhula phambi kokuhluma, kusasebenza phucukileyo ngaphezu kokutshataliswa kwasemva kokuhluma.

### **Faka ithamo elichanekileyo**

Ukuftakwa kweekhemikhali zokhula makwensiwe ngendlela eyenza ukuba ukhula lutshataliswe kakuhe ngaphandle kokwenzakalisa isityalo. Ukonakala kwesityalo kungenzeka xa amathamo afakiweyo ephezulu kakhulu. Funda ileyibhile malunga nethamo elifunekayo. Malunga neekhemikhali zokhula zaphambi kokuhluma, ipesenti yodongwe yomhlaba inendima ebalulekile kwithamo elifanele ukufakwa.

### **Ukubaluleka kweqondo lobushushu**

Ngaphandle kwesiphumo sokujika kwekhemikhali yokhula ibe ngumphunga, iqondo lobushushu linefuthe kwindlela ikhemikhali yokhula efunxeka ngayo ukuze ityhutyhe phakathi kwesityalo. Ngokubanzi, amaqondo aphezulu obushushu ngawo asebenza phucukileyo ekufunxweni nasekuqhubele-ni phambil iikhemikhali kunamaqondo aphantsi – xa zingekho iimeko zodandatheko ezikhokelela ekubuneni kokhula. Ukuftakwa okukokona kufanelekileyo kweekhemikhali zokhula zasemva kokuhluma kwenzeka kwiimeko ezifudumeleyo nezfumileyo, kodwa xa kukho imbalela ukufuma kuhantsi kakhulu kodwa iqondo lobushushu libe phezulu kakhulu.

### **Imixube yeetanki**

Ukhula olukholisa ukutshabalaliseka nzima lusenokutshataliswa kakuhle ngemixube yeetanki, oko kukuthi apho kugalelw iikhemikhali zokhula ezimbini okanye ngaphezulu kwitanki enye ukuze oko kufaktekunye. Imiyalelo ekwileyibhile mayandelwe ngokuqaphela malunga noku ukuqinisekisa ukuba iimveliso ezigalelw kumxube wetanki iyahambelana kwaye ziibhaliselwe ukusetyenziswa ngaloo ndlela.

### **Izivuseleli**

Izivuseleli zizinto eziphucula ukusebenza kweekhemikhali zokhula. Izivuseleli zikhuthaza ukungenelela, ukufunxeka nokusasazeka kweekhemikhali zokhula kwaye zifanele ukugalelw kwiikhemikhali zokhula ezininzi zasemva kokuhluma. Faka kuphela isivuseleli esicityiswa ngokomyalelo ngamnye okwileyibhile, njengoko ingezizo zonke izivuseleli ezinomsebenzi okanye injongo efanayo. Iqondo le-pH lamanzi etanki maliqwalaselwe futhi apho kukho imfuneko khona kungagalelw isithintelikunye/okanye ammonium sulphate ukomeleza isakhono seekhemikhali zokhula zasemva kokuhula.

### **Okufakwa njengokulandeliswayo**

Ukuze kuphumelele ukutshataliswa kokhula ngalo lonke ixesa lokulima kucetyiswa ukufakwa kweekhemikhali zokhula ezimbini ezizezona zincinane. Nangona kunjalo, maze ungasebenzisi iikhemikhali zokhula zeqela elinye leekhemikhali ngaphezu kwesihlandlo esinye ngexesha lokulima kwintsimi enye. Ukwenza njalo kungahokelela ekubeni ukhula lumelane neekhemikhali zokhula kuze oko kubefuthe elingafanelekanga ekutshatalisweni kwalo.

### **Imilinganiselo kwizixhobo zokufaka iikhemikhali zokhula**

Kunyanzelele ukuba nawuphi umgaqo osetyenziselwa ukufaka iikhemikhali zokhula, ughutywe ngemilinganiselo yesiqhelo. Qiniseka ukuba imilomo icocekile futhi ayihlolekanga ukungcola, njengoko oko kuhnokhokelela kusasazo/ungenelalo olungancomekiyo lwekhemikhali efakwayo.

Okokugqibela, kubalulekile ukunxiba impahla efanelekileyo yokuzikhuela xa usebenzisa iikhemikhali zokhula, zinokuquka ihempe enemikhono emide nebhlukhwe ende, iiglavu ezingaggobozelekiyo ngamanzi, izihlangu zokwenza umsebenzi onzima, izikhuseli zamehlo kunye nesixhobo sokuphefumla. ■

# OKULINDELEKE NGEEMBOTYI ZESOYA ngo-2020/2021

**A**MAXABISO EEMBOTYI ZESOYA EHLABATHI EBENYUKA NGENXA YOKUNGABIKHO KOZINZO MALUNGA NEEMEKO ZEMOZULU, UMMANDLA WENTENGISO YEEMBOTYI ZESOYA WASE-US UKHOLISE UKUBA MALUNGA NE 9% NGAPHEZULU UKUSUSELA EKUPHELENI KUKASEPTEMBA UKUYA KUOKTHOBHA NGO-2020. UKUNGABIKHO KOZINZO EKULIMENI KUZINGILE KWIMELIKA ENGEZANTSNIJENGOKO IIMEKO ZEMOZULU ZINGANENO KUNEZONA ZIFANELEKILEYO, KUZE OKO KUNCIPHISE IQONDO LOKULIMA KWEZINYE IINDAWO.

Nangona iimeko zemozulu ziphucukile kwiindawo ezithile zaseBrazil, ukulima kuqalise emva kwexesha lesiqhelo, mhlawumbi bayu kunyanzeleka ukuba bathenge kumazwe angaphandle ukuze bahlangabeze intengo yelizwe labo. Intengo yaseChina yeembotyi zesoya isephezulu ngo-2020/2021 njengoko besebenzela ekukhuliseni imihlambi yeenkabi zeehagu zabo emva kokutshayewla kwama 40% komhlambi wabo ngowama-2019 sisifo saseAfrika sefiva yeehagu. Uggaliselo luya kuba kwintengiso yaseMzantsi Melika kude kubu sekualeni kuka-2021. Ukunyuka kwamaxabiso ehlabathini kubu nefuthe kwintengiso yaseMzantsi Afrika, aphi amaxabiso anyuke khona, kodwa intengo isalungile.

## IZIHELO KWINTENGISO YELI LIZWE

Ngokwamanani akutshanje eSAGIS, ukunikelwa kweeMbotyi zeSoya ngomhla woku-1 ngoSeptemba kubu ziitoni ezi-1 202 982, ezimalunga nama 97% eengqikelelo zeKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo (CEC) (**iTheyibhile 1**). Kubonakala kufanelekile ukucingela kwangaphambili ngexesha elitsha lokulima malunga nocwangciselokulima.


I-CEC inike ingxelo yokuba ukulima ngo-2020 kusenokwanda ngeehktare ezingama-80 800 ukuya kwiihektare ezingama-785 800, nani elo elikukunya nge 11,46% xa kuthelekiswa neehktare ezingama-705 000 zonyaka odlulileyo. Intelekelelo malunga namaqondo empahla ekuza kuvalwa ngawo ekupheleni kwexesha lokulima (28 Februvari 2021) iqikelelwa kwiitoni ezingama-121 105, oku kuthetha ukuba kuya kubakho impahla egciniwego kwithuba lenyanga, aphi umyinge wokuguqu-guqlwa kokutya uya kuba ziitoni ezingama-115 417 ngenyanga, le meko iyasi-



*Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqosho kuLimo, eGrain SA. Thumela i-imeyili apha ikageng@grainsa.co.za*

## 1

### *Amaxabiso eembotyi zesoya eziguqu-guqlweyo ezifika eRandfontein.*



*Umthombo weenkukacha: Grain SA, 2020*

cinezela kuba sifuna impahla egciniwego ilingane kwithuba lenyanga enesiqingatha obona buncinane ukuze ifikelele kwiimveliso ezifika kwiindawo zentengiso zeli lizwe kwixesha elitsha lokuthenga okanye kulungiselelw ezithengwe emazweni angaphandle.

Intengo yeembotyi zesoya yeli lizwe isentle. Ngokwamanani akutshanje eSAGIS, kulo nyaka kude kubu ngoku iimbotyi zesoya eziguqu-guqlweyo ziitoni ezingama-882 506, malunga ne 2,6% ngaphezu kweqondo lexesha lokulima elidlulileyo ukuza kufikelela ngoku. Oku kubangelwe, ubukhulu becali, kukuguqu-guqlwa kweoyile nekeyiki yeoyile okuthe kratya kunoko konyaka odlulileyo nge 7%.

Kwiinyanga ezimbalwa eidlulileyo, amaxabiso alapha eembotyi zesoya aqhube ngokunyuka ngenxa yenksaso yamaxabiso anyuka ehlabathini, ukwehla kwamandla erandi kune nentengo yeli lizwe eyomeleyo (**Isazobe 1**). UKususela malunga kuApreli/Meyi, amaxabiso eli lizwe aye asondela kumaqondo okulingana malunga nempahla ethengwe ngaphandle, okulandele iintshukumo kumaxabiso ehlabathi ngenxa yentengo ephezulu yaseUS yeembotyi zesoya ngokunjalo nokungaqiniseki ngeemeko zemozulu zaseMzantsi Afrika.

Ngaphezu koko, inyukile imfuno yeli lizwe yokutumza. Ixabiso loqikelelo likaDisemba lexesha elizayo linyuke ngama 22,7% ukususela kuJuni ngo-2020, ngelixa ixabiso loqikelelo lexesha elizayo kuJulayi ngo-2021 limalunga ne-R7 200, ngexesha lokubhala eli nqaku. Kungenzeka ukuba amaxabiso ahlale enozinzo noko kumaqondo angoku kwithuba elifutshane. Inkoliso yokulima kwenene isafanele ukwenzeka; njengoko, kusekho umngcipheko omkhulu wokulima onokuchaphazelam axabiso. ■

## 1 Intengiso nentengo yeembotyi zesoya.

	2019/2020	2020/2021*
Imveliso (CEC)	1 170 345	1 261 250
Impahla ekuvulwe ngayo (1 Matshi)	502 241	138 455
Ethengwe ngaphandle	9 098	150 000
Intshiyekela	0	2 600
<b>Intengiso iphelele</b>	<b>1 646 518</b>	<b>1 519 305</b>
<b>Intengo iphelele</b>	<b>1 508 063</b>	<b>1 398 200</b>
<b>Impahla yasekugqibeleni</b>	<b>138 455</b>	<b>121 105</b>

*Umthombo weenkukacha: Grain SA, NAMC*

\*Data njengakuOkthobha 2020



# Ukulumkela izithole zikajongilanga kwisigaba sonke sokuhluma

**K**USENOKWENZEKA UKUBA UMLIMI UKWENZE KONKE NGOKUCHANEKILEYO UKUSUSELA KUMALUNGISELELO OMANDLALO WEMBEWU UKUYA KUBUNZULU BOKUTYALA NAKUMANANI ESITYALO, KODWA KUBALULEKE KANGANGOKO UKUSOLOKO EKHUMBULA UKUBA IZITHOLE ZOOJONGILANGA ZAZIWA NGAKUMBI NGOBUTHATHAKA OBUKHULU KWIBANGA LOKUHLUMA.

Ukuhluma kwezithole ngomnye wemibandela ebaluleke kakhulu ekusekweni kokuyondelelana okukokona kufanelekileyo kwezityalo ukuze kufumanek esona sivuno siphezulu. Oyena nobangela uxphakileyo wokuhluma okulambathayo luqweqwe olungaphezulu.

## UMNGENI

Kaninzi umphezulu womhlaba apha kulinywe khona imbewu kajongilanga usenokusuka uqine, ube noqweqwe olungagqobhozekiyo ukuze oko kubangele ukuhluma okungalungelelananga nezikhevu esizeni. Njengoko oojongilanga bekhola ukulinywa esiphakathini sehlobo, sinemozulu eshushu, eyomileyo nethanda ukukhatshwa ziindudumo. Amanzi atsalwa ziingqukumbana zomhlaba ukuze afunxwe kwaziso iingqakumbana zomhlaba.

Xa iimvula zisina ngamandla, kuze kulandele iintsuku eziliqela zobushushu obugqithiseleyo, isiphumo siphantse ukufana neseonti ebhaka umhlaba kuze kubehko uwqeque olupuhla kumphezulu. Oojongilanga siyabazi ukuba bakhula kakuhle kakhulu kodwa izithole eziselula azikwazi kndlula lula kuqweqwe olungqindilili – ukuba zingadlula. Isiphumo sisenokuba kukuhluma okubambezelekayo okanye izithuba ezikhulu kwimiqolo kanye nesiza esilambathayo, esingalungelelananga.

## YAZI IMIHLABA YAKHO

Intloba ezahluka-hlukileyo zemihlabi zibonisa iziphumo ezahluka-hlukileyo kanti ezinye ziba sisulu sokumbana nokwenzeka koqweqwe kune-minye. Imihlabi ethande ukuba nkumnkum, eyodongwe ayibi nalo lula uwqeque njengemihlabi eyisanti neysanti-uvunduvunu. Omnye umbandela onefuthe kuqweqwe lomhlaba sisixa sezinto ebeziphila emhlaben, ngokuya ziba ninzi, kuyancipha ukubumbeka koqweqwe oluxhalabisayo – kanti oko kulunchedo kwabo balimi basebenzisa umgaqo wokungawuphethuli umhlaba.

Intsimi yesiqhelo ingakhawuleza ukuba noqweqwe emhlabeni wayo ongaphezulu kuba isetyenzwe kabini okanye kathathu xa bekulungiselelwa umndlalo wezithole naleyo inomhlaba othande ukucoleka.

Xa bendibusa umlimi oseMntla Ntshona obelima oojongilanga kwiminyaka engama-20 edlulileyo emhlaben oyisanti, ukuba uysombulula njani ingxaki yomhlaba osuke wanoqweqwe, impendulo yakhe engenamathandabuzo yathi: ‘Duisendpoot, duisendpoot, duisendpoot!’

Jenny Mathews, Umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jennymathews@grainsa.co.za



Igama elithi ‘duisendpoot’ lisetyenziswa kakhulu eMzantsi Afrika ngokubanzi kodwa ngokuchanekileyo ligaba elijikelezayo. Kubaluleke kakhulu ukuba esi senzo senziwe ngexesa elichanekileyo njengoko izithole ezincinane ezi-hlumayo zikajongilanga zibuthathaka kakhulu kwaye zinokwaphuka lula xa kunokwenzeka ‘i-duisendpooting’ zisahluma.

## UKUGCINA IXESHA KUYIYO YONKE INTO

Njengoko kunjalo kwimisebenzi eminzi yokufama, ukugcina ixesha kuyiyo yonke into! Umlimi kajongilanga unethuba elincinane lokuya entsimini negaba elijikelezayo kuba kukho umngcipheko wokonakala kwezithole.

Umlimi ngamnye woojongilanga ufanele ukuhlola intsimi kanye obona buncinane ngosuku lwasithathu ukuya kolwesine emva kokutyala. Abekho oojongilanga abaya kuba sebehluhile ngoko ke oku kuya kuqinisekisa ukuba umphezulu ucombulukile. Okulunchedo kukuba esi senzo ngokunjalo siya kulubulala ukhula oluza kube luntshula kufutshane namphezulu kunalapho imbewu kajongilanga iya kuba ilele khona.

Inkqubo elandelayo iya kukhatshwa ngumngcipheko wenene. Uku-ba ayikho imvula, amasimi angahlolwa nokuba kukanye ukupinisekisa ukutshula okufanelekileyo, kodwa ukuba iyana kwakhona ingekahlumi ngokupheleleyo yonke imbewu entsimini, umlimi ufanele aphinde adlule kuyo ukupinisekisa ukuba zonke izithole ziza kuhluma kakuhle.

Kukho umngcipheko kwinkqubo yesibini kuba ezinye izithole ziya kuba zintshulile kodwa ezinye mhlawumbi ziya kuba zingantshulanga naxa kukho uwqeque ekufuneka luqhekezwe ngokungxamisekileyo!

Nangona ukusebenza kwegaba elijikelezayo kunamandla xa isantya sphezulu, isenso esisesona sibalulekileyo kweli banga kukuqhoba itrektra ngokucothisisa ngakumbi ukupinisekisa ukuba isantya asibangeli ukuphaka-ma kwezithole ezincinane okanye kwaphuke esezihlumile.

Elinye icebiso elioncedo kukuqhoba ngayo nayiphi imisebenzi yasemva kokuhluma yegaba elijikelezayo ngeermvakwemini ezifudumeleyo, nezikhanya ilanga – naxa umphezulu womhlaba womile. Ngoko ke, izityalo zikajongilanga ziya kuthamba ngakumbi zide zibune kancinane ukuze isiphumo sibe ngumonakalo wesityalo omncinane. Umonakalo mhlawumbi okhoyo unga-ncitshisa ngokubek’ iliso ngokuqaphela inkqubo. Enyanisweni, abanye abalimi bade basicingle kwangaphambili esi sakono selahleko ngokunjalo bandise namanani abo abawalimayo ngendlela efanelekileyo. Urmthetho oqinisekiswayo yilahleko ye 5% esizeni ngexesa ngalinye lokuhlakula.

Akukho mlimi ufanele ukuthumela umqhubi entsimini yakhe amyeke asebenze – eli leliney laloo mathuba abalulekileyo okuba umlimi aqwalasele inkqubo ngamehlo abukhali. ■

# Intengiso yombona isebenza njani?

**E**LI LINQAKU LOKUQALA KUTHOTHO LWAMACANDELO AMANE AYIMIZAMO YOKUHLOLA IMIBANDELA ESISISEKO NENEFUTHE KWINTENGISO. SIZA KUQALA SIKUXOXE NGENKQUBO YOKUBEKWA KWAMAXABISO OMBONA ESAFEX.

## I-SAFEX

Intengiso yaseMzantsi Afrika iqale ukusebenza njengentengiso ekhululekileyo ngowe-1996, xa kwakuviswa uMthetho weNtengiso yeeMveliso zoLimo, yaze intengiso yakhululeka emithethweni. Oku kuthetha ukuba abathathi-nxaxheba kwintengiso, abangaba, abalimi, abarhwebi nabaguquguqli bokutya basebenza ngokwamandla eentengiso naweentengo xa bebe ka amaxabiso. Enyanisweni, bonke aba bathathi-nxaxheba basebenza iCandelo leeNtengiso zoLimo zoTshintshiselwano IwaseMzantsi Afrika lweenNgqikelelo zeXesha eliZayo (*Safex*) njengomda wamaxabiso abaza kuwacela okanye abaza kuwabeka kwintengiso 'ncam' kurhwebo lombona lwemihla ngemihla. Ixabiso elithe ncam libhekiselele kwixabiso leSafex elihlawulelwu imveliso eRandfontein, elineendleko eziphantsi zothutho ukuze kufumaniseke ixabiso elithe ncam lazo zonke izisele ezibhalisiweyo.

Ngoko kwakubunjwa iSafex, urhwebo lokuya okuguqu-guqulwego (iingqikelelo nokunokukhethwa) Iwalusenzelwa umbona omhlophe, otyheli nezinye iinkozo. Amaxabiso eengqikelelo nokunokukhethwa abekwa ngo-kwentengiso yotshintshiselwano ngokusebenza 'amaxabiso abizwayo' kunye 'nabekwayo', oku kwalatha izimvo zabathathi-nxaxheba beentengiso malunga namaxabiso eemveliso ezithile kwimihla eyahluka-hlukileyo kwixesha elizayo (umzekelo xa kukho isalathisi kwixabiso langoJuni, okanye kwixabiso langoDisemba).

Kusetyenziswa kwaeko zixhobo xa kuthintelwa umngcipheko wamaxabiso. Ukusetyenziswa okuncomekayo kweSafex, kuvumela abathathi-nxaxheba bentengiso ukuba bayilawule imngcipheko yabo yamaxabiso, nto leyo enokuphucula imeko yabo yemali. Intengiso yoqikelelo Iwexesha elizayo inika iqonga apho abathengi nabathengisi bakwaziyo ukuhlangana khona baze barhwebe ngokukhululekileyo, ngendlela engafhlisiyo. Ngoko ke, balifumanise ngendlela encomekayo ixabiso lemveliso. Singatsho ukuthi, kuxhomekeke ngokupheleleyo kumlimi ukuba yena unokwamkela umngcipheko ongakanani.

## IXABISO LEENGQIKELELO LWEXESHA ELIZAYO

Bonke abathengi nabathengisi kwiikhontrakthi zamaxabiso oqikelelo exesha elizayo eSafex, abanagalelo kwinkqubo yokubekwa kwamaxabiso. Amaxabiso esiwabona kwintengiso ngokweengqikelelo zexesha elizayo amele lonke uxinzelelo lokuthengisa nokuthenga okwalatha amaxabiso. Inani elikhulu lezixa zorhwebo kutshintshiselwano, liqinisekisa ukuba kukho umelo olufanelekileyo kwaye abantu abanakukwazi ukuphamisa okanye ukuba neempembelelo emaxabisweni. Ngoko ke, ixabiso lixhomekeke kumanyathelo esihlweli samawaka abathengi nabathengisi, oko kuquka abalimi, abaguqu-guquqli bokutya, abathuthi, abathengisi kwamanye amazwe, abathengi kwamanye amazwe kunye nabaqikeleli. Ixabiso lentengiso liya kuyuka, lehle, okanye lithi chu ngokwamanyathelo esihlweli sabathathi-nxaxheba abathengayo okanye abathengisayo.

**Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqoshokuLimo, eGrain SA. Thumela i-imeyili apha ikageng@grainsa.co.za**




Ixabiso loqikelelo lexesha elizayo libonisa ixabiso abazilungiselele ukulihlawula okanye ukulamkela abathengi nabathengisi ngemveliso kumhla woqikelelo wexesha elizayo. Ngoko ke, ixabiso loqikelelo Iwexesha elizayo Iwalatha uluwo Iweshlweli entengisweni. Umzekelo, ixabiso lombona lukanukhomekeka kokulandelayo:

- Uluvo lomlimi eMntla Ntshona, olindele isityalo esincinane ngenxa yeemeke zembalela.
- Uluvo lomlimi waseMpumalanga olindele isityalo esilunglelo.
- Umenzi-mveliso wezondlo olindele ukuthengwa kombona okuphezulu ngenxa yokwanda kwemfuyo emva kweemvula ezintle.
- Ngokunjalo noluvo lomrhwebi weenkozo olindele isityalo esihle eUS kune nerandi eyomeleleyo xa kuthelekswa nedola inokubangela ukwehla kwexabiso leSafex.

Ngoko ke, ixabiso loqikelelo Iwexesha elizayo licingela kwangaphambili ukuba liya kuba yintoni ixabiso eliyikhesi lemveliso kwinyanga ethile kwixesha elizayo, ngokuliseka kwiinkcukacha ezifumaneka ngoku. Oko kuthetha ukuba imibandela yentengiso neyentengo (kweli lizwe, kwingingqi nasehlabathini), iimeko zemozulu, okuthandwa ngabathengi neenguuko kwimigangatho yokuphila, umgaqonqubo karhulumente, ukulambatha kozinzo kwezopolitiko, iimvumelwano zorhwebo nezobuchwepheshi zinefuthe emaxabisveni eemveliso exesha elizayo. Kwithuba elide iziqhelo malunga namaxabiso zikhola ukukhanyisa imibandela yentengiso neyentengo, logama iindaba zisithi, iqondo lotshintshiselwano neemvakalelo zihlala zinefuthe kwintengiso kwimihla ngemihla. ■

1

*Igophe lentengiso nelentengo.*



# Ubumbaxa bentlava yesikhondo yaseMzantsi Afrika

UMBONA EMZANTSXI AFRIKA UHLASELWA ZIZINA-MBUZANE EZININZI ZE-LEPIDOPTERAN. EMZANTSXI AFRIKA, KUKHO IINTLOBO EZINTATHU ZENTLAVA YESIKHONDO EZIHLASELA UMBONA NEZIBALULE-KILEYO KUQQQOSHO EZIZEZI, INTLAVA YASEAFRIKA YESIKHONDO SOMBONA, (*BUSSEOLA FUSCA*), INTLAVA YE-CHILO (*CHILO PARTELLUS*) NENTLAVA YESIKHONDO EPINKI (*SESAMIA CALAMISTIS*). EZI NTLOBO ZIBANGELA UMONAKALO OXHALABISAYO EMBONENI KANTI ILAHLEKO YESITYALO YAHLUKA NGOKWEXESHA NEQONDLO LOKUHLASELA.

## INTLAVA YASEAFRIKA YESIKHONDO SOMBONA

Intlava yaseAfrika yesikhondo sombona (**Ifoto 1**) inezihlandlo zokubhabha kovivingane ezithathu eziphawulekayo ngexesha ngalinye lokulima (**Isazobe 1**). Izityalo zihlaselwa mhlawumbi sisizukulwana sokuqala okanye sesibini sentlava yesikhondo, kuxhomekeka kumhla wokutyalwa kombona. Uvivingane lwsiekhomokazi lubekela izicuku zamaqanda alo emva kwamakhasi amaggabi ezityalo. Imibungu esandul' ukuqanduselwa intsundu okunzulu ngebala lize likhanye ibala layo ngokuya ikhula.

Emva kokuqanduselwa, imibungu ifudukela phezulu emaggabini asisazine apha iqaliswa khona ngokondleka ize ihlale apha kwithuba elide phambi kokugqobhoza isikhondo. Imibungu eseyikhulile noko izondla emaggabini asongenyo asisazinge ukze oko kukhokelele kwimiqolo ebonakalayo yeminxuma xa amaggabi ebuna. Ngoko ke, kuvela imiqondiso yomonakalo ebangelwa yile nt lava yesikhondo nebonakala ngale ndlela, 'izikhewu' kananjalo 'imingxuma enzulu' emaggabini asisazinge (**Ifoto 2**). Ukuba intlava yesikhondo yonakalisa kwindawo yokukhula kwesityalo, oko kukhokelela kwimiqondiso 'yokufa kwentliziyo'. Ithuba lesigaba semibungu simalunga neeveki ezintandathu ukze emva koko imibungu ibe ngoophunguphungu. Imibungu engabanga ngoophunguphungu iya kuphila kwiintsalela zezikondwana, isiphumo kukuba zibe ngumthombo ophambili wohlaselo kwixesha elizayo lokulima.

## INTLAVA YE-CHILO

Intlava yeChilo (**Ifoto 3**) inomjikelo wobomi othande ukuba mfutshane kakhulu xa kutholekiswa nentlava yaseAfrika yesikhondo, ukze oko kukhokelele ekubeni izizukulwana zingenane kuze kwande amanani emibungu. Intlava zechilo zisenokuba nezizukulwana ezifikelela kwezihlanu ngexesha lokulima. Uvivingane lubekela izicuku ezingenanayo zamaqanda kwicala elingaphetzulu nelingsaphantsi lamaggabi luze lubonakale njengamachokoza atyheli emaggabini.

Imibungu imhlophe sabumthubi ngebala ize ibe namachokoza ebala elinzu, yiloo nto intlava yeChilo ikwabizwa ngokuba yintlava yesikhondo enamachokoza. Imibungu ifudukela kwisazinge apha yondleka khona

**U-Elrine Strydom, ARC-Grain Crops,  
Potchefstroom noPietman Botha, Umbhal  
kwiPula Imvula. Thumela i-imayili apha:  
StrydomE@arc.agric.za okanye apha:  
pietmanbotha@gmail.com**



kwiintsuku ezimalunga nezili-10 ukuya kwezili-14 phambi kokungena kwisikhondo. Imiqondiso yomonakalo ifana neyentlava yaseAfrika yesikhondo. Xa kusondela ixesha lokulima lasebusika, imibungu ayiququzelu koko ihlala ezikhondweni okanye emva kwamakhasi amaggabi.

## INTLAVA YESIKHONDO EPINKI

Intlava yesikhondo epinki (**Ifoto 4**) ifumaneka ubukhulu becalo kwimimandla eselunxwemeni apha isisinambuzane esibalulekileyo kodwa uhlaselvo lwayo lusoloko lusanda kwimimandla ekude nolwandle. Uvivingane lwezi ntlobu lubekela amaqanda emva kwamakhasi amaggabi ezityalo zombona kanti imibungu esemincinane eqanduselwa apha, igqobhoza isikhondo ngqo ngelixa eminye eqanduselwe emakhasini ingena kwizikhwebu zombona. (**Ifoto 5**). Lo mkhwa uyahluka kulowo wezinye iintlobu zentlava, ezo zinemibungu eya kwisazinge ize ingasigqobhozi ngqo isikhondo.



1



**Umonakalo 'izikhewu' kananjalo 'imingxuma enzulu'  
obangelwe ziintlava zesikhondo.**

# PULA IMVULA

## Iqela labahleli

### GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087  
Lynnwood Ridge  
0040

- 08600 47246
- [www.grainsa.co.za](http://www.grainsa.co.za)

### UKUMISELWA KWABAHLELI

#### Liana Stroebel

- 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8285
- liana@grainsa.co.za

### UMAHLULELANE KUPAPASHO

#### INFOWORKS

#### Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie

- 018 468 2716 ■ [johan@infoworks.biz](mailto:johan@infoworks.biz)



## INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

### ABAQUUZELELI BOPHULISO

#### Johan Kriel

Free State (Ladybrand)  
■ 079 497 4294 ■ [johank@grainsa.co.za](mailto:johank@grainsa.co.za)

#### Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)  
■ 084 604 0549 ■ [jerry@grainsa.co.za](mailto:jerry@grainsa.co.za)  
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

#### Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
■ 082 354 5749 ■ [jurie@grainsa.co.za](mailto:jurie@grainsa.co.za)  
■ e-Ofisini: 012 943 8218

#### Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)  
■ 082 650 9315 ■ [graeme@grainsa.co.za](mailto:graeme@grainsa.co.za)  
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

#### Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)  
■ 083 730 9408 ■ [luke@grainsa.co.za](mailto:luke@grainsa.co.za)  
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

#### Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)  
■ 084 264 1422 ■ [liana@grainsa.co.za](mailto:liana@grainsa.co.za)  
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

#### Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)  
■ 082 877 6749 ■ [dutoit@grainsa.co.za](mailto:dutoit@grainsa.co.za)  
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

#### Cwayita Mpotsi

Mthatha  
■ 078 187 2752 ■ [umthatha@grainsa.co.za](mailto:umthatha@grainsa.co.za)  
■ e-Ofisini: 012 943 8277

### IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

## Ubumbaxa bentlava...



4


Intlava yesikhondo epinki  
(*Sesamia calamistis*).



5

Ukubhabha kovingane Iwentlava yesikhondo epinki eqanduselwe emva kwekhaksi legabi lesityalo sombona, igqobhoza isikhondo ngqo.

1      *Ukubhabha kovingane Iwentlava yesikhondo epinki eqanduselwe emva kwekhaksi legabi lesityalo sombona, igqobhoza isikhondo ngqo*



Intlava yechilo (*Chilo partellus*).

3

Ke ngoko, imiqondiso 'yentliziyo efileyo' nantsi, imiqondiso ebonakala kuqala yomonakalo kuba imibungu ingena ngqo kwisikhondo ize ingawonakali amaggabi asisazinge. Izizukulwana zingenana kanganokuba izizukulwana ezahluka-hlkuleyo zide zingachongeki. Imibungu ipuhlu kulo lonke ithuba lonyaka ize ingangeni kwisimo sokungenzi nto sasebusika.

## ULAWULO

Umbona weBt waqaliswa eMzantsi Afrika ngenjongo yokulawula zonke iintlobo ezi-ntathu zentlava yesikhondo. Intlava yeChilo nentlava yesikhondo epinki zitshatyalaliswa ngempumelelo ziziqalelo zofuzo seBt ezifumaneka kwintengiso yaseMzantsi Afrika. Intlava yaseAfrika yesikhondo sombona, kwelinye icala, ilawuleka kakuhle ngesiqalelo sofuzo seBt sakutshanje esifumaneka entengisweni kodwa ibonise ukumelana ne-siqalelo sofuzo seBt yokuqala esikhutshwe eMzantsi Afrika. Ngoko ke, kubaluleke kakhu-lu ukusebenzisa isicwangciso-cebo sethamo elikhulu ukuze kuthinteleke ukupuhlu koku-melana nesisombululo. ■



THIS PUBLICATION IS  
MADE POSSIBLE BY THE  
CONTRIBUTION OF  
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY  
THE MAIZE TRUST 12